# 6. INGABULA-ZIGCAWU **EYENZIWA NGUSIHLALO**



I-Playhouse Company ilelinye lamaziko aphambili eMzantsi Afrika anika ubugcisa obuboniswayo yaye ithe gqolo ukusingatha kumaqonga ayo amagcisa aziimbalasane avela kwiimbombo zone zeli lizwe yaye yamkela iindwendwe eziliqela ezivela kumazwe ngamazwe ehlabathi. Eli ziko liyazingca ngeenzame zalo zokuphucula amakhonkco onxibelelwano namagcisa asekuhlaleni nangento yokokuba liwanika ithuba lokuba abonise ubugcisa bawo aph'ekhaya ngaphambi kokuba abubonise kwiindawo ngeendawo. Ndinemincili ukuxela ukuba unyaka ophengululwayo ka-2017/2018 ube ngunyaka oyimpumelelo ePlayhouse Company kuba eli ziko liphumelele ukufezekisa ngokuzikisileyo nangenkuthalo iinjongo zomsebenzi walo wokunceda uluntu olwenza ubugcisa obuboniswayo.

Kuyakhuthaza ukuvakalisa ukunyuka ngamandla kwenani labantu abatsha beentlanga ngeentlanga abaqukwa kwimiboniso eveliswe yaza yaboniswa ePlayhouse Company. Enye into endifuna ukuyiphawula kukuba sigxininise kanobom kwimiboniso yomculo yomthonyama esiyisingathileyo. Ngaphaya koko iyasanelisa thina into yokokuba senze iinzame ezibonakalayo zokukhuthaza umoya womanyano ngokwentlalo phakathi kwamagcisa. Oku kuyakhuthaza njengoko kufuneka kuveze isiphumo esibonakalayo kwisizwe saseMzantsi Afrika siphela.

Amalungu eBhunga lasePlayhouse Company ayasebenzisana nabaphathi abayintloko basePlayhouse Company beqwalasele iinzame zokubumba isicwangciso kunye novavanyo lobungozi kweli ziko, ukugcina uzinzo oluluqilima lwasezimalini lo gama benqamleza kwindlela yokwakha isizwe esimanyeneyo esithe gqolo ukuxhasa iinkqubo zethu zobugcisa.

Ndigqithisa umbulelo ongazenzisiyo kubo bonke abathathi-nxaxheba basePlayhouse Company ngenkxaso yabo, kuquka nabaxhasi bethu abathembekileyo, amajelo eendaba, kunye neendwendwe ezivela kwiPhondo liphela nakuMzantsi Afrika uphela, kwakunye nazo zonke iindwendwe zamazwe ngamazwe ehlabathi ezizimase iindawo zethu zemiboniso kulo nyaka. Sinqwenela into yokokuba siphumelele kuwo onke amanqanaba njengoko sisiya phambili siqinisekile kwinjongo yethu yokunceda abantu ngokubanzi ngokuzimisela nangokuzibophelela ukuze sifumane uxolo, imvisiswano kunye nomanyano ngokwazisa ubugcisa obuboniswayo.

***Nkszn.*** **Hlengiwe Christophina Mgabadeli**
USihlalo weBhunga



# 7. INKCAZELO EMFUTSHANE EYENZIWA YINGQONYELA




***Nkszn. Linda Bukhosini***
**iNgqonyela kunye noMlawuli wezoBugcisa**

Kulo nyaka uphengululwayo iPlayhouse Company ibonise inkqubo yemiboniso yezobugcisa eyahluka-hlukeneyo ebubungqina bemiboniso yaseqongeni eyahluka-hlukeneyo nebalaseleyo equka imiboniso engaphaya kwama-460 ebandakanya amagcisa anganeno kwe-16 000 abonise umsebenzi wawo phambi kwezihlwele ezahluka-hlukeneyo ezingaphaya kwezingama-260 000.

Thina ePlayhouse Company sikholelwa ekubeni ubugcisa obuboniswayo businceda ekubeni siyiqonde into yokokuba sinamathuba okumilisela ukuqonda okunabileyo kuluntu lwethu esiphila nalo olwahluka-hlukeneyo kwanokuba sikhuthaze ukuzikisa ukucinga ngemiba echaphazela ubomi bethu bemihla ngemihla. Ukuza kuthi ga ngoku iPlayhouse Company iyazingca ngokubonisa imiboniso yeqonga ekumgangatho ophezulu yaye yanelisekile kukuzibandakanya kwayo ekukhuthazeni iindidi zobugcisa bemveli, ukunika inkxaso yobuchule kumagcisa asekuhlaleni kwakunye nokubonisa imiboniso ehlangabezana neemfuno kunye nemidla yabafundi bezikolo ezikwiphondo laKwaZulu-Natala neyoluntu ngokubanzi.

I-Playhouse Company iyazibophelela ekubeni iqhubeke nokudlala indima isebenzisa umdaniso, umculo kunye nemiboniso yeqonga yedrama ukonwabisa, ukufundisa kunye nokutyebisa ubomi babantu beli lizwe. Konke oku singakufezekisa kuphela xa sifumana uncedo, inkxaso kunye nentsebenziswano eqhubekayo kurhulumente, kwiBhunga, kubasebenzi abazinikeleyo, kubaxhasi ngezimali, kubantu abenza ubugcisa obuboniswayo abakweli lizwe nabakumazwe ngamazwe ehlabathi, nakubo bonke abathathi-nxaxheba abaquka amajelo eendaba kunye nabaxhasi bethu abathembekileyo abaneenjongo kunye neminqweno efanayo neyethu.



**Nkszn Linda Bukhosini**
**INgqonyela kwanoMlawuli wezoBugcisa**

| | AMAGCISA | IIMVELISO | IMIBONISO | ABABUKELI |
|---|---|---|---|---|
| Ezangaphakathi | 4 359 | 71 | 196 | 45 874 |
| Iqonga Elijikelezayo | 278 | 3 | 82 | 122 133 |
| Ezentsebenziswano | 1 096 | 15 | 79 | 37 946 |
| Ukuqeshisa Ngaphandle | 10 264 | 75 | 107 | 55 577 |
| **Total** | **15 997** | **164** | **464** | **261 530** |



## I-TEST DRIVING THE ARTS

Rhoqo ngenyanga sisingatha ikonsathi yasimahla yangexesha lesidlo sasemini size sinike iqonga kumagcisa asakhasayo asekuhlaleni.

## I-SUNDOWNERS & POETRY

Iikonsathi zokuphola ezihamba nemibongo ezenziwa ePlayhouse emva komsebenzi rhoqo ngoLwesihlanu wokuqala enyangeni.



# 4. ISISHWANKATHELO **SEENKCUKACHA ZEMALI**

## 4.1. Ukuqokelelwa kwengeniso

| Imithombo yengeniso | 2017/2018 | | | 2016/2017 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Imali ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi | Imali | Imali ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Izibonelelo – Ezokusebenza | 58 012 | 58 762 | (750) | 52 323 | 54 602 | (2 279) |
| Izibonelelo – Inkunzi | 1 770 | 5 298 | (3 528) | 13 818 | 20 454 | (6 636) |
| Ingeniso yemali | 7 104 | 7 389 | (285) | 7 003 | 7 805 | (802) |
| Ingeniso yemveliso | 2 755 | 3 043 | (287) | 2 624 | 7 710 | (5 086) |
| Imali yokuqeshisa | 449 | 476 | (28) | 427 | 569 | (142) |
| Ukuqeshisa ngempahla enxitywayo yokudlala, eyokuhombisa kunye neyeqonga | 579 | 437 | 142 | 551 | 485 | 67 |
| Ingeniso yamaxesha athile | 1 097 | 2 095 | (998) | 1 258 | 1 888 | (630) |
| **Istudiyo sokushicilela** | 221 | 173 | 47 | 0 | 0 | 0 |
| **Ingeniso yenkxaso-mali** | 1 936 | 1 936 | 0 | 2 499 | 2 499 | 0 |
| **Imali iyonke** | **73 922** | **79 609** | **(5 687)** | **80 504** | **96 012** | **(15 508)** |

## 4.2. Iindleko zeenkqubo

| Igama lenkqubo | 2017/2018 | | | 2016/2017 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Imali ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi | Imali | Imali ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Iinkonzo zobuchule nezobugcisa | 36 833 | 29 542 | 7 291 | 34 949 | 32 094 | 2 855 |
| Icandelo lolawulo lwequmrhu nolwezemali | 13 595 | 13 016 | 578 | 13 106 | 10 963 | 2 143 |
| Icandelo lemicimbi yabasebenzi | 2 567 | 1 917 | 651 | 2 458 | 3 104 | (646) |
| Icandelo leenkonzo zenkxaso | 27 164 | 23 676 | 3 488 | 26 357 | 22 515 | 3 842 |
| Imali iyonke | **80 160** | **68 151** | **12 009** | **76 871** | **68 677** | **8 194** |

| Iiprojekthi zeziseko zokusebenza | 2017/2018 | | | 2016/2017 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Uhlahlo-lwabiwo mali | Imali ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi | Uhlahlo-lwabiwo mali | Imali ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Izixhobo zase-ofisini | 890 | 760 | 130 | 768 | 297 | 471 |
| Izixhobo zeekhompyutha | 346 | 652 | (307) | 225 | 1 289 | (1 064) |
| Izakhiwo | 19 999 | 11 125 | 8 874 | 26 902 | 11 048 | 15 854 |
| Izixhobo zeqonga nezinye | 2 510 | 1 069 | 1 441 | 26 662 | 21 028 | 5 634 |
| Iinqwelo-mafutha | 500 | 467 | 33 | 0 | 0 | 0 |
| Imali iyonke | **24 244** | **14 074** | **10 170** | **54 558** | **33 662** | **20 895** |

## Ukwakhiwa kweBhodi – Term ended on 30 November 2017

| Igama | Umhla wokuqeshwa | Umhla wokushiyia | Izidanga | Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo | Umvuzo (R) |
|---|---|---|---|---|---|
| Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadeli *USihlalo weBhunga* | 1-12-2014 | BA Social Work, Honours in Sociology | Inkonzo kaRhulumente noLawulo | 10 | 15 310 |
| Mnu Sathie Gounden | 1-12-2014 | CA (SA) | Ezemali, ulawulo lobungozi, Ulawulo lwequmrhu nophicotho-zincwadi | 2 | 2 456 |
| Nkszn Fikile Eunice Khumalo | 1-12-2014 | Labour Relations, Social Security | Ezemisebenzi, urhwebo noshishino, uphuhliso lwentlalo-ntle | 4 | 3 492 |
| Nkszn Khwezi BL Kunene | 1-12-2014 | BSc Property Development | Uthelekelelo lobuninzi, Ulawulo lweekontraktha | 3 | 0 |
| Mnu Nathi Mbele | 1-12-2014 | | Uphuhliso loqoqosho nolwentla-lo-ntle, ingcali yecandelo lempahla elukiweyo nobuxhakaxhaka beek-hompyutha nonxibelelwano | 4 | 4 656 |
| Nkszn Siphesihle Ndlela | 1-12-2014 | BA Communications (UNISA) Hotel Management (ND) Durban Hotel School | Unxibelelwano nabaxumi kunye namajelo eendaba, kwakunye neentengiso | 4 | 4 656 |
| Nkszn Linda Zama | 1-04-2016 | BA, LLB degrees | Ezomthetho, ulawulo kunye nokuphatha | 1 | 0 |
| Mnu Clive Mlungisi Manci | 1-10-2016 | Senior Executive Programme-Africa, Postgraduate Diploma Business Management, Mergers and Acquisitions, Corporate Restructuring, Mergers and Acquisitions, Finance for Non-financial Managers | Usomashishini | 3 | 0 |
| Mnu Sadhasivan Naidoo | 1-10-2016 | BA; BAdmin; BAdmin (Honours) Industrial Psychology | Ezokhenketho, ezoshishino kunye nophuhliso lwemicimbi yabasebenzi | 5 | 5 820 |

## eKomiti – Term ended on 30 November 2017

| Amalungu | Ikomiti yeZemali kunye nokufumana izinto | Ikomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo | Ikomiti yeMicimbi yaBasebenzi | Ikomiti yezoBugcisa kunye noNyuso lwengxowa-mali |
|---|---|---|---|---|
| Nkszn Hlengiwe Mgabadeli | | | | |
| Mnu Sathie Gounden | | ✓ | | |
| Nkszn Fikile Khumalo | | | ✓ | ✓ |
| Nkszn Khwezi Kunene | ✓ | | ✓ | |
| Mnu Nathi Mbele | | | | ✓ |
| Nkszn Siphesihle Ndlela | ✓ | | | ✓ |
| Nkszn Linda Zama | | ✓ | | |
| Mnu Mlu Manci | ✓ | | | ✓ |
| Mnu Sadha Naidoo | | | ✓ | ✓ |

# 3. INGXELO YOPHICOTHO-ZINCWADI YASEPLAYHOUSE COMPANY

## Ingxelo yasePlayhouse Company eyenziwa nguMphicothi-zincwadi jikelele ePalamente

**Uluvo**

1. Ndenze uphicotho-zincwadi lweengxelo zemali zePlayhouse Company ezikwiphepha lama-55 ukusa kwelama-80 eziquka ubume beengxelo zemali ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2018, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yeenguqu kwimpahla yexabiso eyintsalela, ingxelo yokungena kwemali kunye nengxelo yokusebenza kwemali ekhoyo ithelekiswa nohlahlo-lwabiwo mali lonyaka ophelayo, kwakunye namanqaku eengxelo zemali, kuquka nesishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yocwangciso-mali.

2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali zibubonisa ngobulungisa ubume bezemali bePlayhouse Company ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2018 kunye nokusebenza kwemali kwakunye nokungena kwemali kulo nyaka ngokungqinelana neMigangatho yaseMzantsi Afrika yeMikhwa eyamkelekileyo Jikelele yoCwangciso-mali (iMigangatho yeGRAP yaseMzantsi Afrika) kwakunye nezinto eziyimfuneko zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente waseMzantsi Afrika, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999) (iPFMA).

**Isiseko soluvo**

3. Olwam uphicotho-zincwadi ndilwenze ngokungqinelana neMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zincwadi (i-ISA). Uxanduva lwam olubalulwa yile migangatho luchazwa banzi kwicandelo elingoxanduva lomphicothi-zincwadi kuphicotho-zincwadi lweengxelo zemali.

4. Andinabudlelwane neli ziko ngokungqinelana ne*Khowudi yeenqobo ezisesikweni zabacwangcisi-mali abanobuchule* yeBhodi yeeNqobo ezisesikweni zeHlabathi zabaCwangcisi-mali (ikhowudi yeIESBA) kwakunye nezinto eziyimfuneko zeenqobo ezisesikweni nezifanelekileyo kuphicotho-zincwadi endilwenzayo eMzantsi Afrika. Ndiluzalisekile olunye uxanduva lwam lweenqobo ezisesikweni ngokungqinelana nezi zinto ziyimfuneko kwakunye nekhowudi yeIESBA.

5. Ndikholelwa ekubeni ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele yaye bufanelekile ukuze lunike isiseko soluvo lwam.

**Uxanduva lwebhunga, liquka igunya elinik' ingxelo kwiingxelo zemali**

6. Ibhunga, liquka igunya elinika ingxelo, linoxanduva lokulungisa nokunika ngobulungisa iingxelo zemali ngokungqinelana neMigangatho yeGRAP yaseMzantsi Afrika kunye nezinto eziyimfuneko zePFMA kwakunye nolawulo lwangaphakathi olubonwa libhunga liquka igunya elinik'ingxelo njengoluyimfuneko ukuze kulungiswe iingxelo zemali ezingenamposiso, nokokuba yenziwe ngobuqhinga okanye ngempazamo.

7. Ngethuba kulungiswa iingxelo zemali uxanduva lwebhunga, liquka igunya elinik'ingxelo kukuvavanya okokuba iziko linako kusini na ukuqhubeka njengeshishini eliqhubekayo, ukubhengeza imiba enxulumene neshishini eliqhubekayo kwanokusebenzisa isiseko socwangciso-mali seshishini eliqhubekayo ngaphandle kwaxa ibhunga, liquka igunya elinik'ingxelo linenjongo yokuliphelisa ishishini leziko okanye liliyekise ukusebenza, okanye xa lingenayo enye indlela enokusebenza ngaphandle kokwenjenjalo.

**Uxanduva loMphicothi-zincwadi jikelele kuphicotho-zincwadi lweengxelo zemali**

8. Iinjongo zam kukufumana ingqiniseko efanelekileyo malunga nokokuba iingxelo zemali zizonke azinayo kusini na imposiso, eyenziwe ngobuqhinga okanye ngempazamo, kunye nokukhupha ingxelo yomphicothi-zincwadi equka uluvo lwam. Ingqiniseko efanelekileyo yingqiniseko ekwinqwanqwa eliphezulu kodwa ayisiso isiqinisekiso sokokuba uphicotho-zincwadi olwenziwe ngokumisela kweISA luya kusoloko luyibona impazamo eyenziweyo xa ikho. Iimposiso zivela xa kusenziwa ubuqhinga okanye ngempazamo yaye zithatyathwa njengeziphathekayo xa zinokuthi zizodwa okanye xa ziditeyanisiwe zibe nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithatyathwe ngenxa yezi ngxelo zemali.

9. Inkcazelo ethe kratya yoxanduva lwam kuphicotho-zincwadi lweengxelo zemali iqukwe kwisihlomelo esifakwe kule ngxelo yomphicothi-zincwadi.

## Ingxelo yophicotho-zincwadi lwengxelo yonyaka yokusebenza

**Intshayelelo kunye nomda**

10. Ngokungqinelana noMthetho woPhicotho-zincwadi kuRhulumente waseMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho wama-25 ka-2004) (iPAA) kwakunye nesaziso gabalala esikhutshelwe lo mthetho, ndinoxanduva lokuyixela imiba efun'ukuphandwa ephathekayo ekwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ithelekiswa neenjongo ezixelwe ngenx' engaphambili zeenkqubo ezikhethiweyo ezinikwe kwingxelo yonyaka yokusebenza. Ndisebenzise iinkqubo zokufumanisa imiba efun'ukuphandwa, ingezizo ezokuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqiniseko.

11. Ezi nkqubo ndizisebenzisileyo zijongana neenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo, ekufuneka zibe zisekelwe kumaxwebhu eziko ocwangciso lokusebenza aphunyeziweyo. Andikuvavanyanga ukugqibelela nokufaneleka kwezalathisi zokusebenza eziqukwe kumaxwebhu ocwangciso. Kwakhona ezi nkqubo

ndizisebenzisileyo azifikelelanga kulo naluphi na udandalaziso okanye amabango anxulumene namacebo okusebenza acetyiweyo nakwiinkcukacha zexesha elizayo ezinokuthi ziqukwe njengenxalenye yeenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo. Ngoko ke iziphumo endizifumeneyo aziyiquki le miba.

12. Ndikuvavanyile ukuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ngokungqinelana nenkqubo eveliswe kwinkqubo-sikhokelo yolawulo lokusebenza kunye nokunik'ingxelo, njengoko kuchazwe kwisaziso gabalala kwezi nkqubo zikhethiweyo zilandelayo ezinikwe kwingxelo yonyaka yokusebenza yeziko yonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2018:

| Iinkqubo | Amaphepha kwingxelo yonyaka yokusebenza |
|---|---|
| Inkqubo 2 – Uphuhliso lweshishini | 32-34 |
| Inkqubo 3 – Ukumanywa kwengeniso | 34-35 |

13. Ndisebenzise iinkqubo ukufumanisa okokuba iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zinikwe ngokukuko kusini na kwakunye nokufumanisa ukuba ukusebenza kuyangqinelana namaxwebhu avunyiweyo ocwangciso lokusebenza. Ndisebenzise ezinye iinkqubo ukufumanisa ukuba izalathisi kunye neenjongo ezinxulumene nazo zinokulinganiswa yaye zifanelekile, ndaza ndavavanya ukuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukuze ndifumanise okokuba zinyanisekile, zichanekile yaye zigqibelele.

14. Andiyivakalisanga imiba efun'ukuphandwa ekubeni luncedo nasekuthembekeni kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo kwiinkqubo ezikhethiweyo.

**Omnye umba**

15. Ndigxininisa lo mba ulapha ngezantsi.

**Ukuphunyezwa kweenjongo ezicetyiweyo**

16. Ingxelo yonyaka yokusebenza kwiphepha … ukusa kwiphepha … iqulethe iinkcukacha ezingokuphunyezwa kweenjongo ezicetyiweyo zonyaka kwakunye nengcaciso enikiweyo kwiinjongo eziliqela eziphunyezwe ngokugqithisileyo.

## Ingxelo yophicotho-zincwadi lokuthotyelwa kwemithetho

**Intshayelelo nomda**

17. NgokungqinelananePAAkwakunyenesazisosikawonke-wonke esikhutshelwe lo mthetho ndinoxanduva lokuyixela imiba efuna ukuphandwa engokuthobela imithetho kweli ziko nemiba ekhethekileyo kwimithetho engundoqo. Ndisebenzise iinkqubo zokufumana imiba efun'ukuphandwa ingezizo ezokuqokelela ubungqina ukuze ndivakalise ingqiniseko.

18. Andifumanisanga zehlo ziphathekayo zokungawuthobeli umthetho kwizinto ezikhethekileyo zemithetho esebenzayo njengoko kubalulwe kwisaziso sikawonke-wonke esikhutshwe ngokomthetho iPAA.

## Ezinye iinkcukacha

19. Ibhunga, eliquka igunya elinik'ingxelo linoxanduva lwezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha ziquka iinkcukacha eziqukwe kwingxelo yonyaka yaye ziquka ingxelo yengqonyela kunye nomlawuli wezobugcisa kwakunye nengxelo yekomiti yophicotho-zincwadi. Ezinye iinkcukacha aziziquki iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi-zincwadi kwakunye nezo nkqubo zikhethiweyo ezinikwa kwingxelo yonyaka yokusebenza nezixelwe ngokukhethekileyo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

20. Uluvo lwam kwiingxelo zemali nakwimiba efun'ukuphandwa kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo kunye nokuthotyelwa kwemithetho aluziquki ezinye iinkcukacha yaye andiluvakalisi uluvo lophicotho-zincwadi okanye nasiphi na isigqibo sengqiniseko kuzo.

21. Ngokunxulumene nophicotho-zincwadi endilwenzileyo, uxanduva lwam kukufunda ezinye iinkcukacha ndize ndigqale okokuba ezinye iinkcukacha azingqinelani kakhulu kusini na neengxelo zemali kwakunye neenkqubo ezixeliweyo ezinikwe kwingxelo yonyaka yokusebenza okanye ulwazi lwam endilufumene kuphicotho-zincwadi, okanye xa zikhangeleka zinemposiso ephathekayo.

22. Xa ndigqiba ekubeni kukho imposiso ephathekayo kwezinye iinkcukacha ngokubhekiselele kumsebenzi esele ndiwenzile, kufuneka ndiyixele loo mposiso.

23. Emva kokuba nfizifundile ezinye iinkcukacha akukho nto ikhoyo endinokuyixela malunga nazo.

## Intsilelo kulawulo lwangaphakathi

24. Ulawulo lwangaphakathi ndilugqale ngokunxulumene nophicotho-zincwadi endilwenzileyo kwiingxelo zemali, kwingxelo yonyaka yokusebenza exeliweyo kunye nakukuthotyelwa kwemithetho esebenzayo; kodwa ke injongo yam ibingeyiyo eyokuvakalisa nayiphi na ingqiniseko kulo.

25. Akukho kusilela kuphathekayo endikufumeneyo kulawulo lwangaphakathi.

Auditor-General

Pietermaritzburg

23 July 2018

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

3. INGXELO YASEPLAYHOUSE COMPANY EYENZIWA NGUMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EPALAMENTE

## Isihlomelo – Uxanduva loMphicothi-zincwadi jikelele kuphicotho-zincwadi

1. Njengenxalenye yophicotho-zincwadi olungqinelana nemigangatho ye-ISA, ndigweba ngobuchule yaye ndiyigcine inobuchule intandabuzo yam xa ndisenza uphicotho-zincwadi lweengxelo zemali, kunye neenkqubo endizisebenzise kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zeenkqubo ezikhethiweyo nakwindlela iziko eliyithobela ngayo imithetho ngokunxulumene nemiba ekhethiweyo.

**Iingxelo zemali**

2. Ngaphaya koxanduva lophicotho-zincwadi lweengxelo zemali njengoko kuchazwe kwingxelo yomphicothi-izincwadi ndenza ezi zinto zilandelayo:

- ukwalatha nokuvavanya ubungozi bemposiso ephathekayo kwiingxelo zemali nokokuba imposiso leyo yenziwe ngobuqhinga okanye ngempazamo, ukuyila nokwenza iinkqubo zophicotho-zincwadi eziphendula kobu bungozi, kunye nokufumana ubungqina bophicotho-zincwadi obaneleyo nobufanelekileyo ukuze bunike isiseko soluvo lwam. Ubungozi bokungayiboni imposiso ephathekayo eyenziwe ngobuqhinga bungaphezulu kobo bemposiso eyenziwe ngempazamo, njengoko ubuqhinga bunokuthi bubandakanye iyelenqe, ukuqhatha, ukushiy' izinto ngaphandle ngabom, ukugqwetha, okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi
- ukuluqondisisa ulawulo lwangaphakathi olunento yokwenza nophicotho-zincwadi khon'ukuze ndiyile iinkqubo zophicotho-zincwadi ezifanelekileyo kodwa oku ndingakwenzi ngenjongo yokuvakalisa uluvo ngokusebenza ngokukuko kolawulo lwangaphakathi lweziko
- ukuvavanya ukufaneleka kwemigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo esetyenziswayo kwakunye nokuqiqa kothelekelelo locwangciso-mali kunye nokubhengeza okunxulumeneyo okwenziwe ligunya elinik'ingxelo
- ukugqiba ngokufaneleka kwendlela igunya elinik'ingxelo elisisebenzisa ngayo isiseko socwangciso-mali seshishini eliqhubekayo xa kulungiswa iingxelo zemali. Kwakhona, ngokobungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo ndigqiba okokuba kukho ukuthandabuza okumandla okunxulumene nezehlo okanye iimeko ezinokwenza intandabuzo enkulu yokokuba iziko lingaqhubeka njengeshishini eliqhubekayo. Xa ndifumanisa ukuba kukho ukuthandabuza okumandla kufuneka ndichaze kwingxelo yomphicothi-zincwadi ukubhengezwa kweengxelo zemali ezinxulumene ngokuthandabuzeka kwazo okanye, xa oku kubhengezwa kungonelanga, ndiluguqule uluvo lweengxelo zemali. Izigqibo zam zisekelwe kwiinkcukacha endizifumeneyo ngomhla ndisenza ingxelo yomphicothi-zincwadi. Noxa kunjalo, izehlo okanye iimeko zexa elizayo zingabangela okokuba eli ziko liyeke ukuba lishishini eliqhubekayo
- ukuvavanya inkcazelo iyonke, ubume, oko kuqulethwe ziingxelo zemali kuquka nokubhengezwa, kwanokuba iingxelo zemali zinika intengiselwano nezehlo ngendlela enobulungisa.

**Unxibelelwano nabantu abaphetheyo**

3. Ndiye ndinxibelelane negunya elinik'ingxelo malunga, phakathi kwezinye izinto, nomda ocetyiweyo kunye nexesha lophicotho-zincwadi kwakunye nemiba ephathekayo efun'ukuphandwa yophicotho-zincwadi, kuquka nayo nayiphi na intsilelo emandla kulawulo lwangaphakathi endithi ndiyiphawule xa ndisenza uphicotho-zincwadi.

4. Kwakhona ndiye ndiqinisekise igunya elinik'ingxelo okokuba ndizithobele iinqobo ezisemgangathweni eziyimfuneko ezimalunga nokuzimela kwam, ndize ndibuxele bonke ubudlelwane neminye imiba enokucamngcwa njengenefuthe ekuzimeleni kwam.

# Yokusebenza Kwemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| **Ingeniso** | | | |
| **Ingeniso evela kwiintengiselwano zolwananiso** | | **13 613 831** | **18 456 646** |
| Izinto zeenkonzo kunye nezixhobo | 8 | 6 231 997 | 10 651 556 |
| Inzala efunyenweyo - Utyalo-mali | | 7 381 834 | 7 805 090 |
| **Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso** | | **72 910 276** | **85 252 438** |
| Izibonelelo | 9 | 64 060 384 | 75 055 947 |
| Iminikelo kunye nenkxaso-mali (iimveliso) | | 1 936 000 | 2 499 102 |
| Iinkonzo zodidi oluthile | | 6 913 892 | 7 697 389 |
| **Ingeniso iyonke** | | **86 524 107** | **103 709 084** |
| **Nganeno: Iindleko** | | **91 274 181** | **91 139 810** |
| Ukucoca | | 2 026 624 | 1 766 696 |
| Ukuhla kwexabiso nokuhlawulwa kwamatyala | 10 | 16 209 570 | 14 765 879 |
| Umbane | | 4 019 483 | 4 320 335 |
| Iindleko ezinxulumene nabasebenzi | 11 | 33 428 138 | 33 477 686 |
| Iindleko ngokuthe gabalala | 12 | 8 836 728 | 8 068 735 |
| Iindleko zokugcina nokulungisa | 13 | 2 359 785 | 1 418 058 |
| Iindleko zokuvelisa | 14 | 14 223 989 | 16 539 383 |
| Irhafu | | 6 913 892 | 7 697 389 |
| Iindleko zokhuseleko | | 3 255 972 | 3 085 649 |
| **(Intsilelo) Intsalela yonyaka** | 15 | **(4 750 074)** | **12 569 274** |

# Yeenguqu Kwimpahla Yexabiso Eyintsalela

| | Amanqaku | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| **Intsalela eyintlanganisela evulayo njengoko kuxeliwe ngenx'engaphambili** | | 266 769 171 | 254 199 897 |
| (Intsilelo) Intsalela yonyaka | | (4 750 074) | 12 569 274 |
| **Intlanganisela yentsalela evalayo** | **16** | **262 019 097** | **266 769 171** |

# Yokungena Kwemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| **Imali engeniswa yimisebenzi** | | | |
| Imali efunyenwe kubaboneleli nakubaxumi | | 89 209 808 | 111 683 450 |
| Imali ehlawulwe abaniki beenkonzo nabasebenzi | | (89 738 360) | (99 724 694) |
| **Imali (esetyenzisiweyo) efunyenwe ngokwenziwa kwemisebenzi** | 18 | (528 552) | 11 938 756 |
| Inzala efunyenweyo | | 7 381 834 | 7 805 090 |
| **Imali eyintsalela efunyenwe ngokwenziwa kwemisebenzi** | | 6 853 282 | 19 743 846 |
| **Imali engenayo esetyenziswa kutyalo-mali** | | | |
| Izongezo kwipropati, koomatshini nakwizixhobo | | (14 012 232) | (32 843 016) |
| Izongezo kwimpahla engenakuchukunyiswa | | (62 077) | (819 481) |
| Inzuzo kwintengiso yepropati, eyoomatshini neyezixhobo | | 303 000 | 15 870 |
| **Imali eyintsalela esetyenziswa kutyalo-mali** | | (13 771 309) | (33 646 627) |
| **Imali engenayo evela kwimisebenzi yezemali** | | | |
| Ukuhla kwemali-mboleko yexesha elide | | - | - |
| **Imali eyintsalela evela kwimisebenzi yezemali** | | - | - |
| **Intsalela yokuhla kwemali kunye nenye imali elingana nayo** | | (6 918 027) | (13 902 781) |
| Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo ekuqaleni konyaka | | 96 737 366 | 110 640 147 |
| Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo ekupheleni konyaka | 5 | 89 819 339 | 96 737 366 |

## Eengxelo Zemali Zonyaka (Iiyaqhutywa)

***2.2. Ukumanywa kwexabiso elikhoyo lepropati, loomatshini nezixhobo***

| | Iinqwelo-mafutha | Izixhobo zokuzilungisa | Ifanitshala yase-ofisini nezinye izixhobo | Izixhobo zekhompyutha | Izixhobo zeqonga | Izixhobo zendawo yokusebenza | Umsebenzi wezobugcisa | Impahla yexabiso eqeshisiweyo (izixhobo zase-ofisini, umhlaba nezakhiwo) | Imali iyonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | R | R | R | R | R | R | R | R | R |
| **Inani elikhoyo ngowoku-1 kuTshazimpuzi ngo-2016** | 1 918 291 | 27 935 | 3 134 086 | 723 111 | 11 217 529 | 147 622 | 452 049 | 66 997 092 | 84 617 715 |
| Ubukhulu benani elikhoyo | 4 685 455 | 27 935 | 12 307 953 | 2 432 268 | 32 083 338 | 533 886 | 452 049 | 111 031 592 | 163 554 476 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (2 767 164) | - | (9 173 867) | (1 709 157) | (21 241 034) | (386 264) | - | (46 878 025) | (82 155 511) |
| WIP | - | | - | - | 375 225 | - | - | 2 843 525 | 3 218 750 |
| Izongezo | - | - | 272 725 | 480 678 | 21 031 109 | - | - | 11 796 308 | 33 580 820 |
| WIP | - | | - | - | 49 082 | - | - | (786 887) | (737 805) |
| Ulungelelwaniso lwexabiso elifanelekileyo | (577 025) | - | (1 360 616) | (339 543) | (6 818 803) | (100 905) | - | (11 404 288) | (20 601 180) |
| Iminikelo | 208 526 | - | 382 171 | 121 587 | 1 376 558 | 17 126 | - | 3 799 007 | 5 904 975 |
| Ukuhla kwexabiso | - | - | (3 469) | (528) | (10 792) | (4) | (1 075) | - | (16 745) |
| Ukuhla kwexabiso okubuyiselwayo | - | - | (106 314) | (183 509) | (535 363) | (12 349) | (1 075) | - | (839 487) |
| **Ukulahlwa** | - | (877) | 102 845 | 182 981 | 524 571 | 12 345 | - | - | 822 742 |
| Ixabiso | - | (877) | (106 314) | (183 509) | (535 363) | (12 349) | - | (1 075) | (839 487) |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | - | - | 102 845 | 182 981 | 524 571 | 12 345 | - | - | 822 742 |
| **Inani elikhoyo ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2017** | 1 549 792 | 27 058 | 2 424 897 | 985 305 | 26 844 683 | 63 839 | 450 974 | 70 401 232 | 102 747 780 |
| Ubukhulu benani elikhoyo | 4 685 455 | 27 058 | 12 474 364 | 2 729 437 | 52 579 084 | 521 537 | 450 974 | 122 827 900 | 196 295 809 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (3 135 663) | - | (10 049 467) | (1 744 132) | (26 158 708) | (457 698) | - | (54 483 306) | (96 028 974) |
| WIP | - | | - | - | 424 307 | - | - | 2 056 638 | 2 480 945 |
| Izongezo | 466 887 | - | 760 103 | 590 251 | 1 031 978 | 37 514 | - | 13 606 445 | 16 493 178 |
| WIP | - | | - | - | (424 307) | - | - | (2 056 638) | (2 480 945) |
| Ulungelelwaniso lwexabiso elifanelekileyo | (610 211) | - | (1 417 562) | (493 831) | (9 675 417) | (48 475) | - | (11 393 822) | (23 639 318) |
| Iminikelo | 30 826 | - | 836 658 | 271 465 | 1 281 234 | 137 310 | - | 5 325 819 | 7 883 312 |
| Ukuhla kwexabiso | (25 773) | - | (34 521) | (9 360) | (3 011) | - | - | - | (72 665) |
| Ukuhla kwexabiso okubuyiselwayo | (562 785) | - | (369 333) | (101 431) | (36 482) | - | - | - | (1 070 031) |
| **Ukulahlwa** | 537 012 | - | 334 812 | 92 071 | 33 471 | - | - | - | 997 366 |
| **Inani elikhoyo ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2017** | 1 411 521 | - | 2 569 574 | 1 343 830 | 19 055 161 | 190 188 | 450 974 | 75 883 036 | 100 931 342 |
| Ubukhulu benani elikhoyo | 4 589 557 | - | 12 865 133 | 3 218 257 | 53 574 581 | 559 051 | 450 974 | 136 434 345 | 211 718 956 |
| **Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela** | (3 178 036) | 27 058 | (10 295 559) | (1 874 427) | (34 519 420) | (368 863) | - | (60 551 309) | (110 787 614) |

Impahla yexabiso ekuqeshiswe ngayo iquka:
1. Rem of Portion 3 of ERF 615 of Brickfield
2. Portion 3 of ERF 10635 of Durban

Umhlaba nezakhiwo zibhaliswe egameni leSebe leMisebenzi kaRhulumente. IPlayhouse Company iqesha umhlaba nezakhiwo kwiSebe leMisebenzi kaRhulumente.

Ixabiso lobomi, inkqubo yokuhla kwexabiso, nexabiso lentsalela yempahla yexabiso liyavavanywa rhoqo ngonyaka kwaye kwenziwa ulungelelwaniso kwezi zinto xa oko kuyimfuneko.

Ayikho impahla yexabiso ekubanjiswe ngayo endaweni yetyala.

## Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

| | | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| 5. | **Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo ekupheleni konyaka** | | |
| | Imali ekhoyo efumaneka msinyane | 17 747 955 | 28 137 720 |
| | **Utyalo-mali - iidiphozithi eziqingqiweyo** | 72 071 384 | 68 599 646 |
| | Imali eziinkozo efumaneka kwiintsuku ezingama-30 | 26 389 787 | - |
| | Imali eziinkozo efumaneka kwiintsuku ezingama-60 | 3 000 000 | 21 500 000 |
| | Imali eziinkozo efumaneka kwiintsuku ezingama-90 | 42 681 597 | 47 099 646 |
| | | 89 819 339 | 96 737 366 |

Imali ebalelwa kuma-R 277 816 nama-R 30 360 ibanjiswa njengokhuseleko kwiziqinisekiso ezikhutshwe nguFNB egameni lePlayhouse Company ezikhuphela uMasipala waseThekwini kunye nePostmaster. Ezi ziqinisekiso ziza kuphelelwa lixesha ngomhla wama-31 kweyoMnga 2025 kwaye azisayi kuvuselelwa.

| | | 2018 R | 2017 R |
|---|---|---|---|
| 6. | **Umvuzo orhoxisiweyo** | | |
| | Isibonelelo esifunyenwe ngaphambi kwexesha | 10 885 416 | 15 163 799 |
| | ISebe likaZwelonke lezoBugcisa neNkcubeko | 10 885 416 | 14 413 799 |
| | Umasipala waseThekwini | - | 750 000 |
| | | 10 885 416 | 15 163 799 |
| 7. | **Izinto ezihlawulwayo ezivela kwiintengiselwano zolwananiso** | | |
| | Izinto zorhwebo ezihlawulwayo | 3 212 370 | 1 907 920 |
| | Ezinye izinto ezihlawulwayo nezongezelelweyo | 2 883 303 | 3 129 570 |
| | Umvuzo wekhefu owongezelelweyo | 2 068 960 | 2 717 182 |
| | Ibhonasi eyongezelelelweyo | 906 542 | 829 723 |
| | | 9 071 175 | 8 584 395 |
| 8. | **Izinto zeenkonzo kunye nezixhobo** | | |
| | Ukuqeshiswa kweendawo zemiboniso, iikhostyum, iisethi, kunye neqonga elijikelezayo | 3 260 527 | 2 575 280 |
| | Ingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo | 803 868 | 5 948 878 |
| | Irenti efunyenweyo | 476 475 | 569 075 |
| | Intengiso kwindawo yentselo kunye neyezinye izinto | 483 106 | 609 573 |
| | Imisitho | 307 503 | 238 132 |
| | Ikhomishini yendawo yokubhukishela izihlalo - iimveliso zangaphandle | 236 542 | 475 754 |
| | Inzuzo yokuthengiswa kweenqwelo-mafutha | 301 968 | - |
| | Enye ingeniso - eyolawulo, ikhomishini yentengiso yamatikiti | 362 008 | 234 864 |
| | | 6 231 997 | 10 651 556 |
| 9. | **Izibonelelo** | | |
| | ISebe likaZwelonke lezoBugcisa neNkcubeko (DAC) | 49 838 000 | 43 815 000 |
| | Isibonelelo senkcitho eyodwa yenkunzi - (DAC) | 5 298 384 | 20 453 947 |
| | ISebe lezoBugcisa neNkcubeko laseKZN | 8 174 000 | 7 787 000 |
| | Umasipala waseThekwini | 750 000 | 3 000 000 |
| | **Imali iyonke** | 64 060 384 | 75 055 947 |

## Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| **10. Ukuhla kwexabiso nokuhlawulwa kwamatyala** | | | |
| **Ukuhla kwexabiso lepropati, oomatshini nezixhobo:** | | 15 756 006 | 14 696 206 |
| Iinqwelo-mafutha | | 610 211 | 577 025 |
| Ifanitshala yase-ofisini nezinye izixhobo | | 1 417 562 | 1 360 616 |
| Izixhobo zeekhompyutha | | 493 831 | 339 543 |
| Izixhobo zeqonga | | 9 675 417 | 6 818 803 |
| Izixhobo zendawo yokusebenzela | | 48 475 | 100 905 |
| Impahla yexabiso eqeshisiweyo | | 11 393 822 | 11 404 288 |
| | | 23 639 318 | 20 601 180 |
| Ukubuyisela ixabiso elihlileyo | | (7 883 312) | (5 904 974) |
| **Ukuhlawula amatyala** | | 453 565 | 69 672 |
| Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa | | 463 818 | 198 229 |
| Ukubuyisel'ixabiso ngokuhlawula amatyala | | (10 253) | (128 557) |
| **Imali iyonke** | | **16 209 571** | **14 765 878** |
| **11. Iindleko zabasebenzi** | | | |
| Imivuzo | | 24 301 591 | 22 732 594 |
| Eyenzelwe ixesha elithile | | 1 900 062 | 2 502 543 |
| Isibonelelo somhlala-phantsi | | 3 451 944 | 3 191 784 |
| Inkxaso-mali yezonyango | | 814 591 | 730 068 |
| i-Uif | | 167 625 | 175 245 |
| Ibhonasi | | 1 972 348 | 1 854 468 |
| Ixesha elongezelelweyo | | 147 313 | 240 734 |
| Ikhefu | | (479 786) | 792 635 |
| Ukuhlalela iindibano zeBhunga | | 62 355 | 134 321 |
| Iihambo zeBhunga | | 180 915 | 204 134 |
| Isibonelelo sezindlu | | 873 000 | 863 000 |
| Amawonga enkonzo yexesha elide | | 36 180 | 56 160 |
| **Imali iyonke** | | **33 428 138** | **33 477 686** |
| **12. Iindleko gabalala** | | | |
| Intengiso | | 1 440 296 | 680 657 |
| Imirhumo yophicotho-zincwadi | | **1 443 072** | **1 539 192** |
| Iindleko ezihlawulwa ibhanki | | 143 767 | 132 160 |
| Iinkomfa kunye nokuthunywa | | 64 185 | 61 438 |
| Imirhumo yabacebisi | | 7 638 | 22 230 |
| Izinto ezisebenziseka ziphele | | 1 066 850 | 1 233 710 |
| Amafutha ne-oyile | | 30 910 | - |
| I-inshorensi | | 265 002 | 335 035 |
| Iindleko zomthetho | | 23 881 | 21 079 |
| Imirhumo yeempepha-mvume zeenqwelo-mafutha | | 280 909 | 291 108 |
| Ilahleko kwintengiso yempahla yexabiso | | 71 632 | 15 871 |
| Ezinye iindleko | | 928 085 | 893 657 |
| Iindleko zokuprinta nezezinto zokubhala | | 326 382 | 305 096 |
| Imirhumo yobuchule | | 534 713 | 474 278 |
| Imirhumo yokuzibophelela ukuhlawula imali ethile kunye neyopapasho | | 72 494 | 102 418 |
| Iindleko zomnxeba | | 478 988 | 389 845 |
| Uqeqesho | | 293 412 | 312 477 |
| Iindleko zotyelelo lwangaphaya kwemida yeli lizwe | | 200 646 | 159 911 |
| Iindleko zotyelelo lwangaphakathi | | 635 413 | 376 454 |
| Iiyunifom kunye nee-overall | | 214 449 | 197 313 |
| Amanzi | | 314 004 | 524 806 |
| **Imali iyonke** | | **8 836 728** | **8 068 735** |

## Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

| | | Amanqaku | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|---|
| **13.** | **Iindleko zokugcina nokulungisa** | | | |
| | I-airconditioning | | - | - |
| | Izakhiwo | | 1 704 261 | 846 237 |
| | Izinto zombane wangaphakathi | | - | - |
| | Izixhobo zokucim'umlilo | | 62 609 | 118 545 |
| | Iikhetshi | | - | - |
| | Iinqwelo-mafutha | | 319 518 | 232 784 |
| | Izixhobo noomatshini | | 251 356 | 219 292 |
| | Iindleko gabalala | | 22 041 | 1 200 |
| | **Imali iyonke** | | **2 359 785** | **1 418 058** |
| **14.** | **Iindleko zokuvelisa** | | | |
| | Iimveliso namatheko | | 14 142 382 | 16 413 317 |
| | Ezolawulo | | 65 196 | 25 586 |
| | Iindleko zophapho nezendawo yokuhlala | | 1 010 800 | 1 044 813 |
| | Imirhumo yamagcisa | | 9 234 798 | 9 760 603 |
| | Intengiso nopapasho | | 1 088 422 | 2 189 097 |
| | Iziveliso zokwenza izinto | | 548 484 | 690 466 |
| | Izixhobo nokuqeshisa ngendawo yemisitho | | 297 256 | 168 970 |
| | Imivuzo ehlawulwa amagcisa kunye neemphepha-mvume | | 111 273 | 774 335 |
| | Isibonelelo seehambo | | 1 786 153 | 1 759 447 |
| | Izinto eziqeshiswa ngaphandle | | 56 389 | 33 034 |
| | Iqonga elijikelezayo | | 25 218 | 93 032 |
| | **Imali iyonke** | | **14 223 989** | **16 539 383** |

**15. (Intsilelo) Intsalela yonyaka**

(Intsilelo) ntsalela yonyaka ka-2018 no-2017 inika ingqwalasela ukwamkelwa kwengeniso eyinkunzi ngokweGRAP 23 - Ukunikela nengeniso yerhafu engeyiyo eyentengiselwano yolwananiso (kusebenza imithetho-siseko yomgaqo-nkqubo).

**16. Ukumanywa kwengxelo yeenguqu kwimpahla yexabiso eyintsalela**

| | 2018 | 2017 |
|---|---|---|
| Imali eseleyo ngowama-31 ngeyoKwindla Yakhiwe ngolu hlobo lulandelayo: | 262 019 097 | 266 769 171 |
| GRAP 23 Isibonelelo sikarhulumente sokusebenzisa umhlaba nezakhiwo simahla samkelwe | 141 900 000 | 141 900 000 |
| Iinguqu kwintsalela yempahla yexabiso enxulumene nemisebenzi | 120 119 097 | 124 869 171 |

## Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

| | | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| 17. | Ukumanywa kwemali engenisiweyo | | |
| | (Intsilelo)Intsalela yonyaka | (4 750 074) | 12 569 274 |
| | Ilungelelaniselwe: | | |
| | Ukuhla kwexabiso, ukuhlawulwa kwamatyala nokonakaliswa | 16 209 570 | 14 765 879 |
| | Inzuzo ngokulahlwa kwepropati, oomatshini nezixhobo | (230 336) | 877 |
| | Inzala efunyenweyo | (7 381 834) | (7 805 090) |
| | Imali engenayo yokusebenza ngaphambi kweenguqu zenzala esebenzayo | 3 847 326 | 19 530 940 |
| | Iinguqu zenzala esebenzayo | (4 375 878) | (7 592 184) |
| | Ukunyuka kwezintlu zempahla | (68 363) | (27 168) |
| | (Ukunyuka) Ukuhla kweeakhawunti ezifunyanwayo | (515 913) | 595 657 |
| | Ukunyuka kweeakhawunti ezihlawulwayo | 486 780 | 1 180 868 |
| | Ukuhla komvuzo orhoxisiweyo | (4 278 382) | (9 341 541) |
| | **Imali eziinkozo (esetyenzisiweyo)efunyenwe kwimisebenzi** | (528 552) | 11 938 756 |

## Eengxelo Zemali Zonyaka (Iiyaqhutywa)

| | | eyoKwindla 2018 R | eyoKwindla 2017 R |
|---|---|---|---|
| 27. | **Ukumanywa kohlahlo-lwabiwo mali nengxelo yokusebenza kwemali** | | |
| | (Intsilelo) intsalela iyonke kwingxelo nganye yokusebenza kwemali | (4 750 074) | 12 569 275 |
| | Ihlenga-hlengiselwe: | | |
| | Ukunyuka kwesibonelelo esiyinkunzi esivela kwiDAC | (3 528 384) | (6 635 541) |
| | Ukunyuka kwezibonelelo ezifunyenweyo | (750 000) | (2 279 200) |
| | Ukunyuka kwenkxaso-mali yokuboniswa kweemveliso | - | (103) |
| | Ukunyuka kwengeniso yeemveliso | (405 196) | (4 874 808) |
| | Ukunyuka kwengeniso yentengiso yotywala neyezinye izinto | (722 801) | (748 773) |
| | Ukunyuka kwengeniso yemali | (281 834) | (805 090) |
| | Ukuhla kweendleko zokuvelisa | (5 535 324) | (2 103 532) |
| | Ukuhla kokuvuzwa kwabasebenzi njengoko ezinye izithuba zingekazaliswa | (2 657 748) | (1 087 515) |
| | Ukuhla kwezinto ezityiwayo, umbane nezokucoca | (1 110 298) | (115 304) |
| | Ukuhla kweendleko zebhunga | (157 656) | (152 237) |
| | (Ukunyuka) Ukuhla kweendleko zomnxeba | 101 220 | (2 744) |
| | Ukuhla kweendleko zokugcina nokulungisa | (638 830) | (1 538 097) |
| | Ukuhla kwezinye iindleko zokusebenza | (1 582 055) | (3 210 833) |
| | Intsilelo kwintengiso yempahla yexabiso | 71 632 | 15 871 |
| | Ukuhla kwexabiso | 16 209 570 | 14 765 879 |
| | Inkcitho eyinkunzi ebekelwe imali bucala kodwa engafakwanga kwingxelo yokusebenza kwemali | (24 244 256) | (54 557 568) |
| | **Intsilelo eyintsalela ngokohlahlo-lwabiwo mali oluvunyiweyo (kuquka necapex)** | **(29 982 034)** | **(50 760 320)** |

## Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

***28.1. Ukumanya uhlahlo-lwabiwo mali nengxelo yokusebenza kwemali - iindleko zokusebenza***

**INGXELO YOKUSEBENZA KWEMALI - IMALI EKHOYO NEQINGQIWEYO**

| | 2018 IMALI EKHOYO | 2018 UHLAHLO-MALI LWASEKUQALENI | 2018 UHLAHLO-MALI OLUHLAZIYIWEYO | 2018 UMAHLUKO | 2018 UMAHLUKO |
|---|---|---|---|---|---|
| | R | R | R | R | % |
| **INGENISO** | 79 142 273 | 85 820 187 | 66 822 000 | 12 320 273 | |
| Izibonelelo | 64 060 384 | 78 780 187 | 59 782 000 | 4 278 384 | 7% |
| Ingeniso yokuvelisa | 803 868 | 3 914 281 | 2 002 692 | (1 198 824) | -60% |
| Amalizo nenkxaso-mali | 1 936 000 | 24 411 | 1 936 000 | - | 0% |
| Irenti efunyenweyo | 476 475 | 448 718 | 448 718 | 27 757 | 6% |
| Ukuqeshisa ngeendawo zemiboniso, impahla yokudlala neesethi | 3 260 527 | 1 656 507 | 1 656 507 | 1 604 020 | 97% |
| Iindawo zokubhukishela ukubukela imidlalo - iimveliso zangaphandle | 236 542 | 165 375 | 165 375 | 71 167 | 43% |
| Indawo yentselo nezinye iintengiso | 483 106 | 420 000 | 420 000 | 63 106 | 15% |
| Iinkonzo zodidi oluthile | 6 913 892 | | | 6 913 892 | |
| Ingeniso yamathuba athile | 971 479 | 410 708 | 410 707 | 560 771 | 137% |
| **IINDLEKO** | 91 274 181 | 80 362 525 | 79 659 776 | (11 614 405) | |
| Iindleko zokuvelisa | 14 223 988 | 17 655 780 | 19 759 312 | 5 535 324 | 28% |
| Iindleko ezinxulumene nabasebenzi | 33 367 064 | 38 262 543 | 36 024 812 | 2 657 748 | 7% |
| Ingxelo yonyaka | 22 230 | 117 700 | 77 230 | 55 000 | 71% |
| Imirhumo yabaphicothi-zincwadi bangaphandle | 985 757 | 1 177 000 | 1 000 000 | 214 243 | 18% |
| Imirhumo yabaphicothi-zincwadi bangaphakathi | 457 315 | 481 500 | 531 332 | 174 017 | 28% |
| Iindleko ezinxulumene nebhunga | 230 589 | 700 447 | 388 245 | 157 656 | 41% |
| Ucoceko nogutyulo lwelindle | 1 548 481 | 1 398 468 | 1 676 483 | 128 002 | 8% |
| Izinto ezisetyenziswa ngokukhawuleza | 1 043 327 | 1 472 444 | 1 755 072 | 711 745 | 41% |
| Umbane | 4 019 482 | 4 320 737 | 4 418 034 | 398 552 | 9% |
| Ukhuseleko | 3 255 972 | 3 368 868 | 3 368 868 | 112 896 | 3% |
| I-inshorensi | 265 002 | 354 032 | 322 732 | 57 730 | 18% |
| Iindleko zomthetho | 23 881 | 64 200 | 22 583 | (1 298) | -6% |
| Intengiso | 1 328 962 | 1 177 000 | 1 277 000 | (151 962) | -13% |
| Irhafu | 6 913 892 | - | - | (6 913 892) | |
| Ukulungiswa nokugcinwa | 2 263 156 | 3 005 377 | 2 901 986 | 638 830 | 22% |
| Umnxeba | 478 988 | 451 100 | 377 768 | (101 220) | -27% |
| Uqeqesho | 293 412 | 340 000 | 320 000 | 26 588 | 8% |
| Iihambo - zakweli lizwe nezaphesheya kweelwandle | 556 252 | 732 471 | 540 042 | (16 210) | -3% |
| Amanzi | 314 004 | 565 688 | 565 688 | 251 684 | 44% |
| Ukuhla kwexabiso | 16 209 571 | - | - | (16 209 571) | 100% |
| Iindleko ngokubanzi | 3 472 856 | 4 717 170 | 4 332 589 | 859 733 | 16% |
| **Intsilelo evela kwimisebenzi** | (12 131 908) | 5 457 662 | (12 837 776) | 705 868 | |
| Inzala efunyenweyo | 7 381 834 | 3 500 000 | 7 100 000 | 281 834 | 4% |
| **Intsilelo yonyaka** | (4 750 074) | 8 957 662 | (5 737 776) | 987 702 | |

Iinguqu zohlahlo-lwabiwo mali oluvunyiweyo ukuya kuhlahlo-lwabiwo mali lokugqibela.
Ezinye izicelo zengeniso eyinkunzi zirhoxiselwe unyaka ongaphandle ngenxa yobuncinane benkxaso-mali evela kwaDAC.
Iinguqu eziphakathi kohlahlo-lwabiwo mali oluvunyiweyo nolokugqibela zisisiphumo semali eseleyo okanye ukwabiwa kwakhona kwemali ekuhlahlo-lwabiwo mali.

## Eengxelo Zemali Zonyaka (Iiyaqhutywa)

### Ingcaciso yomahluko obonakalayo

Isibonelelo esiyinkunzi samkelwe ngokweGRAP 23 - Iminikelo nerhafu yengeniso engeyiyo eyolwananiso Iirhafu neentlawulo.

Intengo yamatikiti ibe nganeno kunaleyo ibilindelekile.

Izivumelwano zokuqesha indawo ezitsha ekungenwe kuzo nabo baqeshe indawo nebezingenayo imali ebibekelwe zona bucala.

Ingeniso yezinto eziqeshiswa ngaphandle ibe ngaphaya kwaleyo ibiyabelwe oku. Kunikwe iimveliso ezingama-75 zabaqeshi bangaphandle ukanti bekubekwe bucala imali yeemveliso ezingama-35.

Inyukile ingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo njengoko kunyuke iimveliso eziqeshiswa ngaphandle ezinikiweyo.

Indawo yentselo nayo izuzile ngoku kunyuka kwenani labantu abazobukela iimveliso.

Iinkonzo zodidi oluthile njengoko kubhengezwe kwinqaku lama-27.

Ukuqeshwa kweendawo zemisithi kube ngaphaya kwemali ebibekiweyo ngenxa yokufunwa ngamandla kwezi ndawo.

Imali yeemveliso engasetyenziswanga ifakwe kwiimveliso eziqale kulo nyaka kwaye kucetywa ukuba ziza kugqitywa kunyaka-mali omtsha. IImveliso ezimbini iMessiah kunye ne-How Long kujongwe ukuba ziqalise kwikota yokuqala yonyaka-mali omtsha. Kuza kunikwa inkxaso yemali nenye inkxaso kumaqela afuna ukuncediswa ukuze aye kwi-National Arts Festival ebanjelwa eGrahamstown.

Kongiwe imali ngenxa yamaphulo okonga imali. Ezinye izikhewu ezivulekileyo zizaliswe ngabasebenzi abasebenza ngamathuba athile.

Imali eyongiwe kupapasho nokuprintwa kwengxelo yonyaka ngo-2017.

Imali eyongiwe kumrhumo ohlawulwa uMphicothi-zincwadi Jikelele ngo-2017 kuba ezinye iindleko zophicotho-zincwadi zihlawulwe kunyaka ogqithileyo.

Umsebenzi wophicotho-zincwadi osileleyo kulo nyaka uhlawulwe kwikota yokuqala yonyaka omtsha.

Kongiwe imali ngenxa yamaphulo okonga imali. Amalungu eBhunga aye kwinkomfa enye kuphela yeISPA ngeyoMnga.

Kongiwe imali ngenxa yamaphulo okonga imali.

Kongiwe imali kwiindleko zeHVAC ngenxa yezivumelwano ekungenwe kuzo. Kongiwe umbane njengoko izibane ezonga umbane ezisetyenziswayo zihlala ixesha elide ngoko ke asifakelwa rhoqo. Kongiwe imali kwezinye izinto ezisoloko zifuna ukuthengwa ngenxa yamaphulo okonga imali.

Imali eyongiwe kwiindleko zombane.

Izixhobo ezithengisweyo kulo nyaka nezongezwe kwishedyuli ye-inshorensi.

Kufunwe uncedo lwezomthetho kwizinto ebenzingabekelwanga mali.

Imali ebibekelwe intengiso kwiqumrhu isetyenziselwe ukuxhasa imali yentengiso yeemveliso ukuze ibe kwinqanaba eliphezulu nabathathi-nxaxheba abangundoqo.

Iinkonzo zodidi oluthile ezibhengezwe kwinqaku lama-27.

Imali ekhoyo ibekelwe ukwenza umsebenzi kumagumbi ekuza kugcinwa kuwo ii-generator ezintathu ezisandul'ukuthengwa.

Uhlahlo-lwabiwo mali luthotywe ngempazamo kwaye iingcingo ze-premicell bezifakelwa ngokutsha kwaye iminxeba yeeselfowuni ibisenziwa ngeengcingo zakwaTelkom.

Uqeqesho olumiselweyo/olucwangcisiweyo olungakhange luqhubeke ngenxa yokungabikho kwabasebenzi abafanelekileyo.

Kongiwe imali ngenxa yamaphulo okonga imali.

Into engeyiyo engenisa imali nengabekelwanga imali yonyaka.

Kongiwe imali kwindleko eziliqela ngenxa yamaphulo okonga imali.

Imali ityalwe kwiibhanka ezinika inzala encumisayo.

## Eengxelo Zemali Zonyaka (Iiyaqhutywa)

### *28.2 Ukumanya uhlahlo-lwabiwo mali nengxelo yokusebenza kwemali - inkcitho yemali eyinkunzi*

**IZONGEZO KWIMPAHLA YEXABISO EZINZILEYO - IMALI EKHOYO NEQINGQIWEYO**

| | 2017 IMALI EKHOYO R | 2017 UHLAHLO-MALI LWASEKUQALENI R | 2017 REVISED LWASEKUQALENI R | 2017 UHLAHLO-MALI R | 2017 UMAHLUKO % | Ingcaciso yomahluko obonakalayo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Izixhobo zase-ofisini | 760 103 | 100 000 | 889 656 | 129 553 | 15% | Kulityazisiwe ukuthengwa kwezixhobo zase-ofisini emva kokucuthwa kwesabelo sohlahlo-lwabiwo mali nguNondyebo kaZwelonke. |
| Izixhobo zeekhompyutha | 652 328 | 225 000 | 345 600 | (306 728) | -89% | Kuthengwe iseva entsha yotshintshiselwano ebifuneka ngamandla ukuze kuqhubeke ukusebenza ngokufezekileyo. |
| Ezothutho | 466 887 | - | 500 000 | 33 113 | 7% | Kongiwe imali kwintengo yeenqwelo-mafutha emva kothethwano nabathengisi. |
| Izixhobo zeqonga | 1 069 492 | 16 770 000 | 2 510 000 | 1 440 508 | 57% | Kunikwe iziniki-maxabiso apha enyakeni kwaye umsebenzi ubusaqhutywa xa kuphela unyaka. Umsebenzi uza kugqitywa kwikota yokuqala yonyaka omtsha. |
| Izakhiwo | 11 125 499 | - | 19 999 000 | 8 873 501 | 44% | Zinikiwe iziniki-maxabiso kwaye unyaka uphele umsebenzi usaqhutywa. |
| Imali iyonke | **14 074 309** | **17 095 000** | **24 244 256** | **10 169 947** | 42% | |

Iinguqu ezikuhlahlo-lwabiwo mali oluvunyiweyo ukuya kuhlahlo-lwabiwo lokugqibela zidalwe yimali eseleyo.
Inkxaso-mali yeeprojekthi eziyinkunzi ifunyenwe ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2016 yaye le nkxaso-mali kuye kwafuneka iziswe kunyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2017 ukuze kumiliselwe kuze kusetyenzwe kwezi projekthi.

